**IPHEPHA LEMIYALELO NEENGCACISO**

1. Eli phepha lemibuzo LINAMACANDELO AMATHATHU:

| | | |
|---|---|---|
| ICANDELO A: | Isicatshulwa | (30) |
| ICANDELO B: | Ushwankathelo | (10) |
| ICANDELO C: | Izakhi nemigaqo yokusetyenziswa kolwimi | (30) |

2. Phendula YONKE imibuzo.

3. Qala icandelo NGALINYE kwiphepha ELITSHA.

4. Krwela umgca ekupheleni kwecandelo NGALINYE.

5. Nombola iimpendulo ngokuchanekileyo ngokwendlela ezinonjolwe ngayo kwiphepha lemibuzo.

6. Shiya umgca emva kwempendulo nganye.

7. Qwalasela ngokukodwa upelo nolwakhiwo lwezivakalisi.

8. Iingcebiso malunga nolwabiwo lwexesha:

| | |
|---|---|
| ICANDELO A: | 50 imizuzu |
| ICANDELO B: | 30 imizuzu |
| ICANDELO C: | 40 imizuzu |

9. Bhala ngokucocekileyo nangokucacileyo.

## ICANDELO A: ISICATSHULWA

## UMBUZO 1

## ISICATSHULWA A

1.1 Funda esi sicatshulwa uze uphendule imibuzo elandelayo.

### IMPEMBELELO

1 Impembelelo ifana nekrele elintlangothi mbini, elithi lisike ngolu uhlangothi ngeli xesha, libuye lisike ngolunye ngelinye ixesha. Impembelelo isika kabuhlungu ngokubulalayo ngelinye ixesha njengesigebenga, ize ngelinye ixesha isike ngokuphilisayo njengegqirha elisusa isidlanga. Impembelelo ayinakwenzeka kungekho mntu wesibini njengokuba imfazwe ingenakubakho kungekho lutshaba.

2 Masikhe siqwalasele impembelelo esebenza phakathi kwamaqabane amabini, nokuba ngabafana nokuba ngamantombazana. La maqabane adla ngokubonwa ekunye esenza izinto ngokufanayo, ade maxa wambi ngokuvana kwawo afaniselane nangesinxibo. Kukho nto inye phofu angenakufaniselana ngayo ingqondo, kuba kaloku abantu badalwa beneengqondo ngeengqondo. Isebenza ngamandla impembelelo kulo mahluko.

3 Lisuka elinye iqabane libonise into ekufanele yenziwe, into ethi isakuphengululwa ihluzwa kuzikiswa ingqondo ifumaniseke intle, ilungile, kube kuhle xa athe avana avumelana ukuba mayenziwe loo nto intle ilungileyo. Iqabane lisuka licebise maxa wambi ukuba makwenziwe into engalunganga, libonise ilungelo elinokuzuzwa kuloo nto imbi, kuba kubi xa athe amaqabane lawo avana avumelana ukuba makenze loo nto imbi. Yimpembelelo le eluhlangothi lusika ngokubulalayo kuba la amaqabane ayeyeliselana.

4 La maqabane amelwe kukukhuthazana ekwenzeni okulungileyo, anqandane ekwenzeni okukhohlakeleyo, kuba nangani engafani ngengqondo, ayafana ngokwahlula okulungileyo kokungalunganga. Into elungileyo, ilungile, engalunganga ayilunganga. Inye kuphela yaye ilula indlela yokuvavanya ukuba kukho umntu ofumana kunzima ukucalula ukulunga okanye ukungalungi kwento, kukubuza umbuzo. Ndingeva njani na mna xa into enje inokwenziwa kum okanye kumntu wakuthi? Lo mbuzo ulandela laa mthetho mdala wamanyange othi, 'Yenza kwabanye abantu njengoko unga bangenza ngako kuwe'. Kungcono ukuba mayiqhawuke imvisiswano, buphele ubuqabane, ibe lelo lihambe indlela yalo ebomini ukuba kula maqabane mabini kukho oluphikisayo olu vavanyo, okanye ofuna kwenziwe into engalunganga.

5 Amandla empembelelo siwabona nasezikolweni apho athi umfundi otshatsheleyo ngengqondo ukuphaphama, oliyolisa ezimbuthweni, oyimbalasane emidlalweni, othandwayo nohlonelwayo aphulaphulwe ngumndilili wabafundi, abe nempembelelo kuninzi lwabafundi. Umfundi oneempawu ezinje ukuba ntle kwazo unakho ukuwuphakamisa umgangatho wesikolo ngokuthi aphembelele abanye abafundi ukuba bakhuthale ezifundweni zabo, bagcine imithetho yesikolo, bathobele abasemagunyeni. Impembelelo yomfundi onezi mpawu zintle ibonakala inoncedo ngamaxesha ezidubedube. Yena mntu uphulaphulwayo unakho ukuthetha neziphatha-mandla ukuba zilungise ezo ndawo zikhalazelwa ngabafundi ngokuyimfanelo. Uye athi ngelisu athetha – thethane nabafundi abathile ukuze bathi bebonke babonise umndilili wabafundi ukufa amanqe kwale nto bayikhalazelayo, bababonise kananjalo ukuba ukuxulutywa kwabaphathi ngamatye, nokuqhekezwa kweefestile, nokutshiswa kwezindlu, bekungasayi kusilungisa isikhalazo sabo nokuba besiphatheka, endaweni yoko isenzo esinje sobundlobongela singaba nebuyambo elibi, abanye abafundi baphoswe yimfundo, lonakale ikamva labo.

6 Umfundi othi enala mandla, ibe impembelelo yakhe imbi unakho ukusitsalela ezantsi isikolo ngokuthi asebenzise iimpembelelo ezinxamnye nezo ziphakamisa umgangatho. Ebantwini ngokubanzi, ngakumbi ezidolophini ezinkulu, umntu oliciko lokuthetha enobukhali, ophulaphulwayo, unakho ukubanceda abantu abaninzi ngokuthi ngempembelelo yakhe abacebise ngeendlela-ndlela zokulungisa intlalo nemisebenzi yabo, abafundise iindlela ngeendlela zoqoqosho, inzondelelo nokugudisa emisebenzini yabo, iindlela abanokuthi ngokusemthethweni babhekise izikhalazo zabo kwabo bongamileyo. Umntu onempembelelo enje ukufaneleka angasiphakamisa isizwe, adale intlalo – mnandi phakathi kwabantu.

7 Inakho enye inkokeli ukuthi inabo nje ubuciko bokuthetha nengqondo ebukhali, ibalukuhle abantu, ithi ithetha ngoqoqosho nje kanti isekeleze ukutyebisa, kanti ithetha ngentlalo-ntle nje isekeleze olwayo udumo, ithi ngobuciko bayo ibakhuthaze abantu bafune amalungelo abo ngokungekho mthethweni, ibafunze eweni, yehle intlekele, kufe abantu, bambi baphoswe ezintolongweni baphelelwe yimisebenzi kulambe iintsapho, ibe yona le nkokeli ihleli kwezitofotofo, isitya ibhotolo. Utsho ngakhona okaMqhayi kwilivo lakhe 'INKOKELI' kulaa ncwadi kaBennie 'IMIBENGO', ukuthi, 'inkokeli mayibuve ubunzima obuviwa ngaba bantu ebakhokelayo'.

8 Impembelelo isebenza kakhulu ekhaya kuba abantu bekhaya basoloko bekunye ngaphandle kwamaxa bahlulwe yimigama ngenxa yomsebenzi. Isebenza phakathi kwabazali bobabini, phakathi kwabazali nabantwana naphakathi kwabantwana bodwa. Kubalulekile ukuba abazali bahambe ngokufanelekileyo kuba ingqeqesho yenziwa ngokuthetha nangomzekelo ngenxa yobukhulu bempembelelo yabazali kubantwana babo.

[Sicatshulwe kwincwadi yamavo ethi, *AMAVO AMAFUTSHANE* ebhalwe nguA, Madala, amaphepha 65–68 saze sahlelwa.]

Jonga kumhlathi 1

1.1.1 Xela izinto zibe MBINI ezikwisicatshulwa ezifaniswa nempembelelo. (2 )

1.1.2 Yenzeka kubani impembelelo ngokwesicatshulwa? (1)

Jonga kumhlathi 2

1.1.3 Iqabane kwisicatshulwa lithetha ntoni? Khetha impendulo efanelekileyo kwezi zingezantsi:

A Umngcatshi. (1)
B Umhlobo.
C Umpolitiki.
D Usiyaluka.

1.1.4 Caphula into ibe NYE la maqabane mabini akhankanywe kwisicatshulwa anokwahluka ngayo. (1)

Jonga kumhlathi 3

1.1.5 Bhala isithethantonye segama 'isakuphengululwa' elikwisicatshulwa. (1)

Jonga kumhlathi 4

1.1.6 Yintoni anokuyenza la amaqabane xa ezibona enokwayeliselana? (2)

1.1.7 Bhala ngamazwi akho intetho ethi, 'Yenza kwabanye abantu njengoko unga bangenza ngako kuwe.' (2)

Jonga kumhlathi 5

1.1.8 Yintoni ongayenza ukuthintela impembelelo engalunganga ingakuchaphazeli? Cacisa. (2)

1.1.9 Thelekisa iindlela EZIMBINI anokuthi umfundi oyimbalasane abe nefuthe ngazo kwabanye ngokwesicatshulwa. (2)

Jonga kumhlathi 6

1.1.10 Bungasisixhobo sotshintsho esilungileyo njani ubuciko obulungileyo ekuhlaleni? (2)

Jonga kumhlathi 7

1.1.11 Uthetha ukuthini umbhali xa esithi inkokeli mayibuve ubunzima obuviwa ngabantu ebakhokelayo? (2)

1.1.12 Angawubonakalisa njani umzali umzekelo wempembelelo entle? (1)

Jonga kumhlathi 8

1.1.13 Ufunde ntoni kwesi sicatshulwa? (1)

## 1.2 ISICATSHULWA B: OKUBONWAYO

Qwalasela lo mfanekiso ungezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Ucatshulwe kwi-intanethi www.googlesearch.com waze wahlelwa.]

1.2.1 Kwenzeka ntoni kulo mfanekiso? (2)

1.2.2 Lumele ntoni uphawu olukwiqam lesibini? (2)

1.2.3 Ibonisa ntoni inkangeleko yobuso bomntu ocingayo okwiqam lesithathu? Xhasa impendulo yakho. (2)

1.2.4 Xela izinto EZIMBINI ezifana ngazo izicatshulwa A no B. Khankanya izinto ezahluke ngazo ezi zicatshulwa zozibini. (4)

**AMANQAKU ECANDELO A: 30**

## ICANDELO B: USHWANKATHELO

### UMBUZO 2

Funda ngocoselelo ISICATSHULWA esingezantsi. Kwesi sicatshulwa kunikwa iingcebiso ngexabiso lempumelelo.

**QAPHELA:** Kulindeleke ukuba wenze oku kulandelayo:

- Shwankathela ngawakho amazwi ungacaphuli njengoko kubhaliwe kwitekisi.
- Impendulo yakho mayingadluli kumagama angama-70–80.
- Shwankathela ngomhlathi kuphela.
- Akulindelekanga ukuba ubhale isihloko sesishwankathelo.
- Qaphela indlela echanekileyo yokusetyenziswa kolwimi, iimpawu zobhalo nococeko.
- Bhala phantsi inani lamagama owasebenzisileyo wakugqiba.

**LE NT'UTHANDO!**

1 Uthando masivume, luyinxalenye yobomi bethu. Kubhaliwe kanobom ngalo kwiinoveli nakwezinye iintlobo zeencwadi ezikhoyo, iifilimu ezininzi esizibukela kumabonakude nasebhayaskophu zingothando. Sibabonile abadlali beqonga besizobela umfanekiso walo ngendlela apha eyonwabisayo.

2 Umhla we-14 kuFebruwari, nobizwa ngokuba ngumhla kaValentina, ngumhla wokuvuselela uthando ezintliziyweni zabantu. Ngaphandle kolu suku lukaValentina, zikho nezinye iintsuku ezibekwa bucala njengezixabisekileyo phantsi kwalo mba wothando ezifana nosuku lokukhumbula bonke abantu abangoomama, usuku lokukhumbula ootata kwakunye nosuku losapho luphela.

3 Ukongeza kuyo yonke loo nto kukwakho nezikhumbuzo zemihla yokuzalwa kwabantu ezihlala ziqhubeka njalo amaxesha ngamaxesha. Zonke ezi zithethe zikhankanyiweyo singatsho ukuthi ziziqhamo ezihle kuba zikhuthaza uthando phakathi kwabantu.

4 Uthando lwenza usapho luhlale luthandana, luxhasana, lukhathelelana. Ilungu ngalinye liyakwazi ukuziva libalulekile, lihoyekile, lixabisekile. Ukuthandwa nokuhoywa nokufekethiswa ngabantu yinto emnandi kunene ngokuba imtsho umntu azive exolile emphefumlweni.

5 Olunye uthando lolwabahlobo nabantu bonke. Singayintoni ngaphandle kwabanye abantu? AmaXhosa ayibona ukuba akulunganga ukuba yinkomo edla yodwa. Izihlobo nabantu jikelele zinjengesongo kukutya obububomi, zenze ubomi buphelele. Aphinda athi amaXhosa akukho qili linokuzikhotha umhlana. Umntu ngumntu ngabantu. Ukungakhathaleli abantu kunokwenza ungabungcamli ubuncwane bokuphila.

6 Uthando yinto echukumisa iintliziyo zabantu. Bayafa abantu ngenxa yothando ukanti bayayishiya imizi yabo kwangenxa yalo. Luphi uthando xa abantu bebulalana ngolu hlobo kule mihla? Luphi uthando xa eyekwa umntu aye kweyela aze ahlekwe emva koko? Luphi ke uthando xa abantu besifa yindlala kodwa abanye balahla ukutya emigqomeni ngenxa yokuxakwa bubuninzi bako. Masikhe sizibhence, sizifune, sizigocagoce, hleze kuthi kanti saphulukana nothando kudala.

7 Uvela phi na wena mntu ungalwaziyo uthando into ebaluleke kangaka nexatyiswe kangaka ziintlanga zonke? Ngaphandle kothando uziva uze. Akumphulaphulanga na umzali wakho eniyala ekhaya ukuba ze nithandane ningabantwana bomzi omnye nje? Baqhutywa yintoni kanene abo babini baye bazimanye ngeqhina lomtshato esidlangalaleni? Iimbongi zithethile kakhulu ngalo kwimibongo yazo.


[Sicatshulwe kwinoveli ethi, *UNAMBITHEKO* ebhalwe nguM, Yekela amaphepha 52-55 saze sahlelwa.]

**AMANQAKU ECANDELO B: 10**

## ICANDELO C: IZAKHI NEMIGAQO YOKUSETYENZISWA KOLWIMI

### UMBUZO 3: UKUCAZULULA ISIBHENGEZO-NTENGISO

Funda esi sibhengezo-ntengiso singezantsi uze uphendule imibuzo elandelayo.




[Sicatshulwe kwi-intanethi- www.googlesearch.com, saza sahlelwa]

3.1 Sijoliswe koobani esi sibhengezo-ntengiso? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.2 Nika into ibe NYE oyifumana ngokusebenzisa le ti yamachiza endalo ekwesi sibhengezo-ntengiso. (1)

3.3 Ingaba islogani sesi sibhengiso-ntengiso siyahambelana nesihloko? Xhasa impendulo yakho. (2)

3.4 Yintoni injongo yombhali ngokusebenzisa amagqabi emfanekisweni osetyenziswe kwesi sibhengezo-ntengiso? (1)

3.5 Sebenzisa isibizo 'intliziyo' kwisivakalisi kuphuhle intsingiselo eyahlukileyo kule ikwisibhengezo-ntengiso? (2)

3.6 Lwenze msebenzi mni kubathengi ulwimi olusetyenziswe ngumthengisi kweli binzana lingezantsi. Cacisa.

'Yisebenzise usinde ekufeni.' (2)

**[10]**

## UMBUZO 4: UKUCAZULULA IKHATHUNI




[Icatshulwe kwi-intanethi- www.googlesearch.com, saza sahlelwa]

4.1 Nika umsebenzi onikwa abafundi ngutitshalakazi kule khathuni? (1)

4.2 Xela ENYE yeendlela zonxibelelwano zala maxesha ekhankanywe kule khathuni. (1)

4.3 Ingcingane ekwiqam lesi-3 iveza ntoni ngesimo somfundi? Xhasa impendulo yakho. (2)

4.4 Isimnini 'zasehlotyeni' siphuhlisa ntoni? Khetha impendulo kwezi zingezantsi.

A Zezikabani
B Zezaphi
C Zezantoni
D Zezanini (1)

4.5 Sakhiwe kwesiphi isigaba sentetho isibizo 'ukusebenza'? (1)

4.6 Uthetha ukuthini umfundi xa esithi 'akusilandeli' kwiqam lesi-2? (2)

4.7 Bonisa ukulunga nokungalungi kweendlela zonxibelelwano zala maxesha? (2)
**[10]**

**UMBUZO 5: ULWIMI NEZAKHONO ZOKUHLELA**

Funda esi sicatshulwa, wandule ukuphendula imibuzo elandelayo.

**UKUBALULEKA KOKUZIQEQESHA**

1 Esona sakhono sibalulekileyo ekufuneka wonke umntu enaso kukwazi ukuziqeqesha**.** Esi sakhono sifuneka nkalo zonke zobomi. Ligcuntswana labantu eliqinisayo kuso nangona luwazi amandla aso. Ukuziqeqesha akubhekiselelanga ekubeni lukhuni nasekuzenzeni ikheswa koko kukwangeza isuntswana lokuba nokuzilawula, ukusebenzisa ingqondo, ukwazi ukunyamezela indlela ophila ngayo nokuba namandlakazi angaphakathi. Uyakwazi ukubulawula ubomi bakho xa unezi zinto.

2 Ukuziqeqesha kukunceda ukwazi ukunamathela kwizigqibo zakho, uzilandele ungatshintshanga ngqondo, le yenye yeendlela zokufezekisa amaphupha akho. Uyakwazi ukwenza izigqibo ungajiki, unamathelise ingqondo, iingcingane nezenzo zakho kweso sigqibo ukuze usiphumeze xa unesi sakhono. Ubonakala njengomntu owomeleleyo ngaphakathi xa ukwazi ukumelana nemiceli-mingeni efana nokoyisa ukubekela izinto amangomso nokonqena. Uzingisa ungajiki.

3 Okona kubalulekileyo ngesi sakhono kukukwazi ukuzeyisa. Uyahlukana nokufuna ulonwabo lomzuzwana, uziphosanise nenzuzo emandla. Imigibe nezabatha zibekwa endleleni yempumelelo. Umntu ofuna ukumelana nazo kufuneka abe nokunyameka nokunyamezela, akanakuyenza loo nto engakwazi ukuziqeqesha. Ubani xa ekwazi ukuziqeqesha uba namandla nokuzithemba, loo nto idale ukuba ube ngumntu owonwabileyo nowanelisekayo.

[Sicatshulwe kuvimba wabevi saza sahlelwa]

5.1 Xela ukuba igama 'ligcuntswana' lisetyenziswe njengantoni? Khetha impendulo kwezi zingezantsi.

A Sibaluli
B Sibanayo
C Sisibayiyo
D Simelabizo (1)

5.2 Nika isigaba sentetho segama elikrwelelwe umgca ngaphantsi kwesi sivakalisi:

<u>Esi</u> sakhono sifuneka nkalo zonke zobomi. (1)

5.3 Guqula esi sivakalisi singezantsi sibe kwimo evumayo.

Ukuziqeqesha akubhekiselelanga ekubeni lukhuni. (1)

5.4 Lungisa isiphene sobhalo esikwesi sivakalisi singezantsi:

Ubani xa ekwazi ukuziqeqesha ubanamandla nokuzithemba. (1)

5.5 Bhala le ntetho ilandelayo ibe kwingxelo-ntetho.

Umbhali uthi kumfundi, 'Xa unesi sakhono uyakwazi ukwenza izigqibo ungajiki ...' (2)

5.6 Caphula amagama abe MABINI azizithethantonye kumhlathi wesi-3. (2)

5.7 Sebenzisa isiqu sesenzi 'funa' kwisivakalisi sithabathe iinjongosenzi EZIMBINI ngoncedo lwezimamva. (2)
**[10]**

**AMANQAKU ECANDELO C: 30**
**AMANQAKU EWONKE: 70**